



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

IIMVAVANYO ZONYAKA NONYAKA KUZWELONKE

IBANGA 2

IMATHEMATIKA- ISIXHOSA

ULUHLU 2: IPHEPHA ELINGUMZEKELO 2012

Isikhokelo sokusebenzisa imizekelo ka-ANA

1. Umbono jikelele

Uvavanyo lonyaka nonyaka (ANA) luvavanyo oludibeneyo lolwazi nezakhono ezifanele ukuphuhliswa, kubafundi bebanga lo-1 ukuya kwele-6 kunye nele-9. Ukuncedisana novavanyo oluqhutywa esikolweni nokuqinisekisa ukuba abafundi bazithemba ngokwaneleyo ukuze bathathe inxaxheba ngempumelelo kwiimviwo zangaphandle, uluhlu lootitshala kunye neencutshe kwizifundo bavelise iimvavanyo eziyimizekelo ezinokusetyenziswa ngootitshala kwizifundo zoLwimi Lwasekhaya neMathematika. Unikwe imibuzo yemizekelo yemvavanyo ethatyathwe kumsebenzi wesikolo wonyaka wekharithulam ukusuka kwikota yokuqala, eyesibini neyesithathu, kunye nesiboniso esipheleleyo sovavanyo (ANA) sebanga ngalinye. Imizekelo yovavanyo equka nesiboniso esipheleleyo soviwo zongeza kuvavanyo oluqhubekayo esikolweni olwenziwa qho kubafundi nekufuneka lungayekwa.

2. Unxulumano namanye amacebiso okufunda nokufundisa

Ngenxa yokubaluleka kokudibanisa eyindlela yokufundisa, eminye imibuzo ekwimizekelo yeemvavanyo inxulumaniswe neeNcwadi Zomsebenzi ngokwamabanga. Imizekelo yeemvavanyo ilinganiswe neemfuno zekharithulam, kusetyenziswe amaxwebhu ekharithulam i-National Curriculum Statement Grades R-12 (NCS) ne-Curriculum and Assessment Policy Statements (CAPS) kumabanga ngamabanga, kusetyenziswe nendlela yokuhlola esemthethweni (National Protocol for Assessment). La maxwebhu ewonke kunye nalawo isikolo siwanika utitshala ukuze enze amacebiso angawo okunceda utitshala xa elungiselela izifundo kwakunye naxa esenza uvavanyo olusesikweni.

3. Unxulumano nezinye izixhobo zokufunda nokufundisa

Ukuze kubekho unxulumano olufanelekileyo, eminye imizekelo yezicatshulwa nemibuzo idityaniswe kwiincwadi zokusebenzela zamabanga ngamabanga ezingqale kumgangatho wabafundi. Le mizekelo ilungelelaniswe ukuze iqwalasele iimfuneko zeNkcazelo yeKharithulam yeSizwe yamabanga R ukuya ku 12 (NCS), iinjongo zekharithulam, iNkcazelo yePolisi yeKharithulam enxulumene namabanga abafundi kunye nendlela yokuhlola esemthethweni. Yonke le miqule kwakunye neminye imiqule enokufumaneka esikolweni izizixhobo ezingundoqo ezinokusetyenziswa ukuncedisa ootitshala njengoko bequlunqa izifundo belawula nohlolo olungundoqo (uhlolo olukhulisayo).

4. Isetyenziswa njani imizekelo yovavanyo

Nangona imizekelo yovavanyo yebanga ngalinye nesifundo ngasinye yenziwe yaza yadityaniswa, utitshala akanyanzelekanga ukuba abafundi abaphendulise ngexesha elinye. Utitshala makakhethe umzekelo onombuzo onxulumene nesifundo asilungiseleleyo. Imibuzo ekhethwe kumzekelo vavanyo okanye iqela lemibuzo enokuphenduleka ngexesha elinye ingasetyenziswa ngokuye kukhula ukufunda nokufundisa ngolu hlobo:

4.1 Ekuqaleni kwesifundo, njengovavanyo lokuqonda nokwahlula izinto abafundi abakwazi ukuzenza/abazaziyo nezo bangakwazi ukuzenza/bangazaziyo. Ukuqonda lo mahluko kukhokhelela ekubeni abafundi bacoselelwe ukufundiswa nokuze kwakhiwe izifundo ezilungele ukulungisa ezo ngxaki banazo baze baphucule ukuqonda. Olu vavanyo lokuqonda lungenziwa umsebenzi wasekhaya ukonga ixesha.

4.2 Kwisifundo phakathi, uvavanyo olucwangcisiweyo lusetyenziswa ukuvavanya ukuba ulwazi nezakhono zabafundi ziyaphuhla na. Njengoko isifundo siqhuba lukwasetyenziswa ukuvavanya nokuqinisekisa ukuba akukho mfundi ushiyekayo kwisifundo.

4.3 Ukugqibezela isifundo okanye iqela lezifundo uvavanyo oludityanisiweyo luyenziwa ukuvavanya ukuba abafundi bayaqonda kwaye bayakwazi ukusebenzisa ulwazi nezakhono abazifumene kwizifundo. Inkcaza yokuba abafundi baqhube njani mabayinikwe ngoko nangoko, ngelo xesha utitshala wenza isigqibo ngeendawo ezifuna ukuphindwa kwisifundo okanye kwizifundo ukuncedisa ulwazi okanye izakhono ezingaphuhlanga.

4.4 Kuwo onke la manqanaba makusetyenziswe iindlela ngeendlela zokubuza, umz. indlela yokuphendula ngokukhetha kwiimpendulo azinikiweyo, imibuzo efuna impendulo yakhe, imibuzo efuna impendulo emfutshane, njalo-njalo.

Nangona uvavanyo lokufumana ukuqonda novavanyo lokwakha ulwazi lusenokuba lufutshane ngokwemibuzo, uvavanyo oludityanisiweyo lunokuquka imibuzo emininzi kuxhomekeka kumsebenzi osele wenziwe. Okubalulekileyo kukuqinisekisa ukuba abafundi baqhelaniswa nendlela yokuphendula uvavanyo olupheleleyo olufana novavanyo lukazwelonke lonyaka nonyaka (ANA).

5. Imemorandam okanye iindlela zokuphendula

Umzekelo wendlela yokuphendula okanye iimpendulo ezilindelekileyo zilungiselelwe kumzekelo wovavanyo. Ootitshala mabakhumbule ukuba imemorandam ayiniki mpendulo igqibeleleyo, Imemorandam inika nje kuphela iimpendulo ezilindelekileyo, ngoko utitshala angamnika umfundi amanqaku ngeempendulo ezahlukeneyo, ezivumelekileyo ezinikwe ngabafundi.

6. Ukugutyungelwa kwekharithulam


Kunyanzelekile ukuba ikharithulam igutyungelwe yonke kwibanga ngalinye. Imizekelo yovavanyo yebanga ngalinye ayimeli ikharithulam, ikhupha nje iisampula zovavanyo lolwazi nezakhono ezibalulekileyo kwaye zezomsebenzi wekota yokuqala ukuya kweyesithathu yonyaka Isantya sokusebenza somsebenzi ekufuneka wenziwe sinikezelwe kumaxwebhu ekharithulam (CAPS DOCUMENTS).

7. Ukuphetha

Injongo yeSebe leMfundo kukuphucula nokwakha ezona zisekelo zibalulekileyo, ukufunda nokubala kwabafundi. Uvavanyo lonyaka nonyaka sesinye sezixhobo iSebe leMfundo esisebenzisa ukuqaphela ukuba umgangatho wabafundi uyenyuka, uhleli ndawonye okanye uyehla. Izithili nezikolo kulindeleke ukuba zancedise ootitshala kwaye zidlulise amacebo aluncedo ukuphucula ukufunda nokufundisa ezikolweni. Ngokusebenzisa imizekelo yokuvavanya njengalinye icebiso lokufundisa, ootitshala baza kunceda abafundi baqhelane neendlela nobuchule bokuvavanya. Ukusetyenziswa kwale mizekelo kuya kunceda abafundi bafumane ulwazi olufanelekileyo baze baphuhlise nezakhono ezinxulumene nokufunda ukuze baphucule kuvavanyo lukazwelonke olulandelayo.

1. Amanani, ukubala nolwalamano.

Jonga umfanekiso uze uphendule imibuzo.



- a. Bala iinkwenkwezi uze ubhale inani lazo. _____
- b. Mangaphi amaqela ezine eenkwenkwezi akulo mfanekiso? _____
- c. Mangaphi amaqela ezihlanu eenkwenkwezi akulo mfanekiso? _____
- d. Mangaphi amaqela oonontathu eenkwenkwezi akulo mfanekiso? _____
- e. Mangaphi amaqela oozilishumi eenkwenkwezi akulo mfanekiso? _____

2. **Fakela amanani ashiyiweyo.**

- a. 131; _____; 133; _____; _____; 136.
b. 120; _____; _____; _____; 140

3. **Gqibezela le patheni yamanani ilandelayo.**

- a. _____; 70; 72; _____; _____; 78
b. 110; _____; _____; 95; _____; 85

4. **Fakela amanani ashiyiweyo kulandelelwano la manani ngalunye.**

- a. 36; 37; _____; _____; 40
b. 66; 68; _____; _____; 74
c. 12; 16; _____; _____; 28

5. **Bhala amanani ala manani magama.**

- a. Amashumi asixhenxe anesibhozo _____
b. Ikhulu elinesihlanu _____
c. Ikhulu elinamashumi amahlanu _____

6. **Bhala amanani ngamagama.**

- a. 36

- b. 52

- c. 100

- d. 32

7. **Zoba itola ukutshatisa inani kunye negama lenani.**

- a. 98 Ikhulu elinamashumi amane anethoba
- b. 118 Amashumi asibhozo
- c. 149 Ikhulu elineshumi elinesibhozo
- d. 80 Amashumi alithoba anesibhozo
- e. 11 Ishumi elinanye

8. **Bhala inani eliphakathi kwala manani uwanikiweyo.**

a.	19		21
b.	23		25
c.	59		61

9. **Fakela u =, > okanye < phakathi kwala manani ukwenza ezi ngxelo zibeyinyani.**

- a. 122 _____ 102
- b. 105 _____ 105
- c. 101 _____ 110

10. **Landelelanisa amanani ukusuka kwelincinci ukuya kwelikhulu.**

- a. 100 110 95 90 105

-
- b. 51 15 105 115

-
- c. 56 54 50 52 58
-

11. Landelelanisa amanani ukusuka kwelikhulu ukuya kwelincinci.

a. 35 47 43 31 39

b. 35 40 25 45 30

c. 42 44 43 45 30

12. Yandisa la manani ngokocazululo.

Umzekelo: $37 = 30 + 7 = 3$ amashumi + 7 imivo.

a. $27 =$ _____

b. $14 =$ _____

c. $41 =$ _____

d. $52 =$ _____

13. Kweli nani

a. 28, ixabiso lika 8 ngu _____ ixabiso lika 2 ngu _____.

b. 35, ixabiso lika 5 ngu _____ ixabiso lika 3 ngu _____.

c. 42, ixabiso lika 2 ngu _____ ixabiso lika 4 ngu _____.

14. Bala ngokucazulula inani elikhulu.

Umzekelo: $19 + 7 = 10 + 9 + 7$
 $= 10 + 10 + 6$
 $= 26$

Fakela amanani ashiyiweyo.

a. $16 + 7 = \underline{\quad} + \underline{\quad} + 7$
 $= \underline{\quad} + \underline{\quad} + \underline{\quad}$
 $= \underline{\quad}$

b. $19 + 6 = 10 + \underline{\quad} + 6$
 $= 10 + \underline{\quad} + \underline{\quad}$
 $= \underline{\quad}$

15. **Bhala ihafu yamanani owanikiweyo.**

Inani Ihafu yenani

a.	24	
b.	16	
c.	12	

16. **Phinda kabini inani olinikiweyo.**

Inani Ihafu yenani

a.	18	
b.	10	
c.	14	

17. **Sebenzisa umgca manani**

- a. Ukudibanisa u 13 no 8.



- b. U $13 + 8 =$ _____

ukuthabatha u 14 ku 22.



U $22 - 14 =$ _____

18. **Ukusombulula ingxaki (izibalo zamagama)**


Phendula imibuzo elandelayo.

- a. ULebo ebenamapetyu angama 45. Ulahle angama 20.
Mangaphi amapetyu akhe ashiyekileyo?
Inani lamapetyu ashiyekileyo = _____
- b. UTholang ebenelekese ezili 16. Unike uBusi ezi 7.
Zingaphi iilekese anazo ngoku uTholang?
Inani leelekese = _____
- c. UJubulani uchole iipesika ezingama 23 uButi wachola ezingama-25.
Zingaphezulu ngabani iipesika ezicholwe nguButi kunezo zicholwe nguJabulani?
UButi uchole iipesika ezi _____ ngaphezulu.
- d. UMyakallo, uLerato, uMary noPam emnye kubo uneelekese ezi 4. Zingaphi zizonke iilekese zabo?
Inani leelekese = _____

19. **Fakela amanani ashayiweyo ukugqibezela ukudibanisa okuphindaphindiweyo.**

- a. $27 + 2 + \underline{\quad} + \underline{\quad} = 33$
- b. $31 + \underline{\quad} + \underline{\quad} + \underline{\quad} = 43$
- c. $16 + 10 + \underline{\quad} + \underline{\quad} = \underline{\quad}$
- d. $19 + 6 + \underline{\quad} + \underline{\quad} = \underline{\quad}$

20. **Gqibezela lo mzobo.**



21. **Ukwahlula ngamaqela nokwabelana.**

.
.
.

Jonga amachaphaza angentla uze ugqibezele isivakalisi ngasinye.

- a. Kukho imiqolo emi 3 enamachaphaza ama _____ kumqolo ngamnye.
- b. Kukho amachaphaza ama _____ ewonke.

22. a. UTokiso kufuneka abeke amakhadi angama-36 ipakethe nganye ibe namakhadi ama 6. Zingaphi iipakethe aya kuzenza?

b. Umntu omnye uza kufumana malini xa besahlulelwa i R48 ngokulinganayo besi 8?

c. Kwibanga lesi 3 elinabafundi abangama 42 kukho inani elilinganayo amantombazana nelamakhwenkwe. Mangaphi amantombazana kule klasi?

23. **Phendula imibuzo elandelayo.**

a. 

Le milo ingentla yahlulwe yangamacala ama _____ alinganayo i _____ ikhuhliwe.


b. 

Le milo ingentla yahlulwe yangamacala ama _____ alinganayo i _____ ikhuhliwe.

c. **Faka umbala kumfanekiso ngamnye ukubonisa iqhezu olinikiweyo.**







I sinye kwisithathu



I sinye kwisine

- d. Phawula imilo ngo "✓" okanye "x" ukubonisa ukuba yahlulwe yangamacala ama 2 alinganayo okanye hayi.



I mali.

24. **Gqibezela itheyibhile.**

- a.
b.
c.

I xabiso	I bhatalwe nge	I tshintshi
R1,20	R2	
R10	R20	
R3	R5	

25. UMaggie uthenga iivatala nge R8 neepesika nge R9.
Uza kufumana itshintshi yamalini xa ebhatala nge R20 eliphepha?


I tshintshi = _____.


26. **Bala.**

- a. $5c + 10c + 10c = \underline{\hspace{2cm}}$
 b. $5c + 5c + 10c = \underline{\hspace{2cm}}$
 c. $20c + 20c + 20c = \underline{\hspace{2cm}}$

Iipatheni.

27. **Gqibezela ipatheni nganye.**

a. 


b. 

SSS SSS _____

28. **Bhala amanani ama 3 alandelayo kolu landelelwano lwamanani.**

- a. 132; 133; 134; ____; ____; ____; 138
- b. 132; 134; 136; ____; ____; ____; 144
- c. 146; 144; 142; ____; ____; ____; 134
- d. 120; 125; 130; ____; ____; ____; 150
- e. 114; 117; 120; ____; ____; ____; 132

29. **Indawo.**




Nazi iimoto ezi 4 zimise emqolweni.





Gqibezela.

- a. Imoto enenombolo _____ iphambili.
- b. Imoto enenombolo _____ no_____ zisemva kwemoto enenombolo u 33.
- c. Imoto enenombolo _____ isemva kwemoto enenombolo 10.
- d. Imoto enenombolo _____ iphambi kwemoto enenombolo enga 33.

30. **Faka umbala omthubi kwibhola esekhohlo ukuze kwibhola esekunene ufake umbala ozuba. Faka umbala omsobo (pepuli) kwibhola ephakathi.**




31. **Jonga utolo ngalunye uze ubhale ukuba lukhombe phezulu, phantsi, ekhohlo okanye ekunene.**


- a.  _____
- b.  _____
- c.  _____
- d.  _____

Iimilo.

32. Kwiqela ngalinye lezi milo zilandelayo, Faka umbala omthubi kweyona milo incinci, kweyona milo inkulu ufake umbala oluhlaza ukuze kwengezantsi kwenkulu ufake umbala obomvu.



33. Phawula iimilo ezinemiphetho engqalileyo ngo "✓"
Ukuze ezinemiphetho engamagophe ngo "x".




Ulingano macala.


34. Zoba umgca wolingano macala kwezi milo zinamacala ama 2 zilandelayo.



35. Zoba elinye icala lomzobo ukubonisa ulingano macala.




36. Phawula imilo ebonisa ulingano macala ngo "✓".




Ixesha

37. **Bhala ixesha eliboniswe kwezi wotshi zilandelayo.**




38. a. Iza kuba ngumhla wesingaphi kwiintsuku ezi 3 emva kosuku lokugqibela kuJanyuwari? _____.
- b. Ukuba umhla wokuzalwa kukaDumi ubukwiintsuku ezintlanu phambi komhla wama 23 ku Janyuwari. Ubunini umhla wakhe wokuzalwa? _____.
- c. Umhla wokuqala ku Janyuwari usemva kweentsuku ezingaphi emva kosuku lokuzalwa kukaYesu? _____.

39. **Zoba usiba olubonisa imizuzu nelibonisa iiyure kwezi wotshi zilandelayo ukubonisa ixesha olinikiweyo.**



Intsimbi ye 12



Icala emva kwentsimbi yesi 7

40. UBongi uya esikolweni ngentsimbi yesi 7 kusasa. Ubuyela ekhaya ngentsimbi yesi 3 emalanga. Zingaphi iiyure engekho ekhaya?

41. **Bala inani leeyure**

- a. Ukusuka kwintsimbi yesi 8 ukuya kwintsimbi ye 12.
_____.
- b. Ukusuka kwintsimbi yoku 1 ukuya kwintsimbi yesi 7
_____.
- c. Ukusuka kwicala emva kwentsimbi yesi 2 ukuya kwicala emva kwentsimbi ye 9.
_____.
- d. Ukusuka kwintsimbi ye 4 ukuya kwicala emva kwentsimbi 12.
_____.

Ubude

42. Jonga ubude bale migca mi 5 ilandelayo uze ubhale ukuba umgca ngamnye umde kangakanani.

Umgca u A _____

Umgca u B _____

Umgca u C _____


Umgca u D _____





















Phendula imibuzo ngaphandle kokulinganisa imigca.

- a. Umgca _____ ngowona umde.
- b. Umgca _____ ngowona umfutshane.
- c. Umgca _____ nomgca _____ bafutshane kunomgca u D.

Ukusebenza ngolwazi

43. Iikhowuni zeaysikhrim ezithengiswe kwivenkile yesikolo ngexesha lekhefu lokuqala.

I sikhokhelo: umele iaysikhrim e 1 

Mvulo Lwesib Lwesith Lwesine Lwesihl

Jonga igrafu yemifanekiso engentla uze uphendule imibuzo.

- Iiaysikhrim ezimbalwa zithengiswe ngolu phi usuku?
_____.
- Inani leeaysikhrim ezithengiswe ngoMvulo = _____.
- Inani leeaysikhrim ezithengiswe ngoLwesine = _____.
- Inani leeaysikhrim ezithengisiweyo = _____.
- Zingaphezulu ngabani ezithengiswe ngoLwesihlanu kunezo zithengiswe ngoLwesibini? _____.

44. Bala iimilo ezahlukeneyo uze ufake umbala kwiqela ngalinye ngombala owahlukeneyo ukubonisa ukuba zingaphi iindidi zeemilo.

